

Kwakukho idada elalihlala efama nabantwana balo abahlanu. UToto, uBobo, uNono, uMomo no Ncinci. La madada ayenemibala emihle.






UNcinci wayemhle kunamanye amadada.
Wayenamabala ayemenza abe nomahluko.


Obu buhle babusenza amanye amadada abe nomona. Ngoko ke ayesoloko embekela bucala uNcinci.





Ayengafuni ukudlala naye. Engafuni akhwele iikari nawo.

Ayengafuni akhwele ibhayisekile nawo.
Engafuni ukwenza nanye into naye.





UNcinci wayesoloko ekhathazekile. Wayesoloko ewabukela edlala asuke abe nyembezana.  Wayesoloko elilolo.

UNcinci waqonda makazidlalele ngebhayisekile. Wayikhwela engazibambanga iimpondo. Le ndlela yokukhwela yatsala umdla kwamanye amadada.





Abantakwabo bayeka ukudlala basondela bambukela. Babemangalisiwe luhlobo awayeyikhwela ngayo ibhayisekile. Bamcela abafundise obu buchule bokukhwela ibhayisekile.

UNcinci wabafundisa ubuchule bokukhwela ibhayisekile. Kwaba mnandi bedlala bonke noNcinci.





Yamonwabisa kakhulu uNcinci le nto. Wayefuna kakhulu ukukhwela ibhayisekile nabantakwabo.

Emva kwemini amadada ashiya iibhayisekile neekari aya kudada. Adada kunye ukubuyela kumama. Afika abalisa ngobuchule bukaNcinci.

